Isalathiso: 20171114-6910
14/2/3
Imibuzo: CJ Banda

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam yeFET: DCF 0022/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo nabeeMviwo, kuBacebisi beZifundo, kwiiNtloko zamaziko anabafundi bamaBakala 10 ukuya ku-12, kwiiNtloko zeZifundo zesi-Afrikansi nakootitshala besi-Afrikansi bamaBakala 10 ukuya ku-12

Isihloko: ISimpoziyam ye-*LOK ka*-2018 yootitshala besi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe nabesi-Afrikansi uLwimi lokuQala nolwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (bamaBakala 10 – 12)

1. I-*Letterkundeondersteuningskomitee (LOK)* imema bonke ootitshala besi-Afrikansi bamaBakala 10, 11 no-12 kwiSimpoziyam ka-2018 eya kubanjwa **ngoMgqibelo we-17 Februwari 2018** ukususela ku-**07:30 ukuya ku-15:30 kwiYunivesithi *yaseWestern Cape*,** eBellville.

2. Le simpoziyam iya kuba yisimpoziyam ye*LOK* yamashumi amabini ananye. Eyona njongo iphambili yale simpoziyam kukunika inkxaso ukufundiswa koncwadi kodwa kuya kugxininiswa nakwezinye iinkalo zezifundo ezifana novavanyo lokuqonda lweteksti emanyelwayo, ukubhala negrama.

3. Iprogram yesimpoziyam iya kufumaneka kwiziko lewebhu leSebe leMfundo leNtshona Koloni *(WCED)* phantsi ko-*Curriculum Development*, http://www.wcedcurriculum.westerncape.gov.za nge-30 Novemba 2017. Klikha ku-"*FET: Further Education and Training*"; ukhethe u-"*Languages*" kwi-*drop-down menu*; emva koko ukhethe u-"*Afrikaans*"; uze uklikhe ku-"*Downloads*"; ukhethe u-"*Onderwysbronne*".

4. Abathathi-nxaxheba banokubhalisa kwikhompyutha *(online)* ngokulandela le linki ilandelayo: https://goo.gl/dcPTZt baze bazalise ifom eyi-*Google form*. Umhla wokubhalisa omisiweyo **nguLwesihlanu we-02 Februwari 2018** - emva kwalo mhla iya kuvalwa i-*Google form* yaye akukho kubhalisa kukokunye kuya kwamkelwa.

5. Intlawulo yokubhalisela iSimpoziyam ka-2018 yi-**R150.00** kootitshala ukuze ibe yi-**R100.00** kubafundi abasisigxina. Abantu abanomdla bangayidipozitha esi sixamali kule bhanki ilandelayo:

   Ibhanki: Nedbank
   Isebe: CPUT
   Ikhowudi yesebe: 101175
   Udidi lweakhawunti: Cheque
   Inombolo yeakhawunti: 1089131240
   Isalathiso: Isishunqelo "LOK" esilandelwa ligama lesikolo

6. Abacebisi bezifundo besi-Afrikansi ne-*Department of Afrikaans and Nederlands and Dutch e-University of Western Cape,* baya kuthwala uxanduva lwamalungiselelo olawulo nokuya kuqhubeka kule Simpoziyam ye*LOK*.

7. Amaxwebhu abubungqina bentlawulo mawathunyelwe ngefeksi nawo ku-**Nks Janine Pekeur** we-***University of Western Cape*** kule nombolo yefeksi: **021 959 1249** ungadlulanga owe-**05 Februwari 2018**. Kunokuqhagamshelwana noNks Pekeur kule nombolo yefoni: **021 959 2112** okanye nge-imeyili apha: lokmondig@gmail.com Niyakhunjuzwa kwakhona ukuba nisebenzise esi shunqulelo "*LOK*" negama lesikolo esichaphazelekayo njengesalathiso.

8. Ootitshala abahamba umgama we-200km okanye ngaphezulu (uhambo lokuya okanye olokubuya kuphela) ukuya kwisimpoziyam, baya kubuyiselwa ngeendleko zeehambo zabo ngokweentlawulo neenkqubo zeSebe i*WCED*. (Makufundwe iziHlomelo A-C malunga neefom zokwenza amabango). **Bonke** ootitshala abafuna ukufaka amabango eendleko zohambo bayacelwa ukuba bazalise ifom ye*BAS* (isiHlomelo C) ebhankini. Makungeniswe ifom ye*BAS* ezaliswe ngokupheleleyo (*completed BAS form*) kwakunye nekopi engqinisisiweyo (*certified copy*) yoxwebhu lwesazisi somenzi-bango (*claimant's identification document*) kunye nefom yebango leendleko zohambo. Sisithuthi esinye ngesikolo ngasinye esinokwenza ibango ngeendleko zohambo.

9. Ukuncedisa abaququzeleli be-*LOK Symposium,* bayacelwa ootitshala ukuba babambelele kule mihla yobhaliso imisiweyo. **Aziyi kwamkelwa izicelo ezifike emva kwexesha.**

10. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-11-28